# UMHLABA E NGQUSHWA!

NGETUBA lokuba ingafezwanga iminqopiso ye Fandesi lomhlaba womfi u JOHN NTUTU elalingo 30 March, 1892, kuyaziswa kwakona ukuba kuya kutengiswa kwakona ngo

## MGQIBELO, 4 JUNE, 1892,

EMINI 12 O'CLOCK,

## Lofam Yazekayo kunene Yokulima Nokufuya,

Engu Lot No. 14, ubukulu 200 morgen, 587 square roods; upahlwe yile mihlaba: Lots No. 5, 13, 17, 18, 19, kubu Felkornet base Bira; I Quit rent yonyaka 12s. 6d.

Ngeminqopiso yokutengisa kubhalelwa ku

JESSE HILL, Umteteli-Fandesi,
Opatiswe ukwaba Ilifa.

Peddie, May 1,1892

## *HAYWARD*

UMQA OYI

# DIP

*Augqitwa yeza ukuhlambu- lula. Ibhula Ezigusheni.*

Yitshoni kwi Venkile enimele zona ziniyale- zele ko

# BAKER, KING

AND COMPANY,

EAST LONDON.

OLUKA

## Gowie uluhlu Lwezityalo.

Luka MAY.

IXA Lokutyala i ROSES NEMITI YEZIQAMO, kwane STRAW BERRIES, seliqalile.

Abafuna ukutonga bayakunjuzwa ukuba banokufumana kuti, ngapa- ndle kwixabiso, Uluhlu olunamaxa biso Iwe Zityalo ze Rose ne Miti ye Ziqamo, lukwa namanqaku kanjalo axela ngokulungiswa komhlaba na- ngokutyala.

Ezona Ertyisi Zintle, Itswele, ne Mbotyi Ezibunzi, zifunyanwa kwi mbewu ehlwayelwe ngalenyanga.

Hlwayela kanjaqo Ikapetshu, Lettuce, Leek, ne Reddish.

## W. & C GOWIE.

GRAHAMSTOWN.

Address for Telegrams "OATLANDS"
Grahamstown;

## T. GALDERWOOD,

UMTETELI-MAT YALA

Umlungiseleli-Mihlaba, njalo-njalo.

ZE QONCE'.

## ISAZISO.

## U R. W. Rose-Innes,

Uyawazisa Umzi Ontsundu ukuba ubuyile, nokuba usaya kuyinyamekela yonke Imici- mbi ya Bantsundu upatiswa yona njengo kwangapambili.

## J. KEZANE.

## Umteteleli Ematyaleni,

KU TSOLO.

Amatyala uwateta nakuyipina i Ofisi ya Pesheya kwe Nciba.

INGOMA! INGOMA! INGOMA!

NDIYAZISA ukuba ndiyavula ekuqaleni kwenyanga u APRIL, e KAYENI LABANTSUNDU, indlu YENCWADI za MAXOSA, ne NGOMA (Tonic Solfa). Kumjikelo wam kwelase England ndibe nako ukukheta Ezona Ngoma Zimnandi emtonjeni wazo, neze *Jubilee Singers.* Intlobo zonke betu ziko, nezona Zintsha.

Ndikwa Ngumtengisi no Mtengiseli wokutya (Produce Buyer), &c., &c., no Mlu ngiseleii wento yonke.

N.B.—Abafuna ukuva ngazo, namanani, mabatumele ne stamp.

PAUL XINIWE & CO.,
King Williams Town.

## OCELA AMEHLO

NDIBELWE Inkabi yam Yehashe, yi NGWEVU EMNYAMA, yiponana, itshoba lifupi kukuchazwa ; lenziwe i half, mantyi kwindlebe yokohlo — lisand'ukupa ulwa ; uludala ligqibe iminyaka emihlanu ; ubuso bumnyama, linezilonda esezipolile ngawo omabini amacala emhlana. Olifume- neyo makalitumele e Qwebeqwebe (Main), wovuzwa kakuhle. DAVID MZIMBA.

## AMAFUTA EZILONDA,

(OINTMENT.)

Farmerfieid, near Salem, 3rd December, 1891.

MR. JNO. GAUNT,
Kingwilliamstown.

DEAR SIR,—Ndiyalincoma kakulu Iyeza lako Lezilonda, njalo-jalo, onditumele lona; ndaye ndiya kukubhengeza oko ngangoko ndinako.

Ndilisebenzise kupela intsuku ezimbini nobusuku bazo. Ekumangalisweni kwam okukulu kubehle kwako impawu zobu " nchono " kobesifa.

Ngawona Mafuta alungileyo, nakupi isa kungummangaliso ezilondeni, njalo njalo, endaka ndawabona.

Nceda unditumele kwakona enye ibhokisana, ndiyifunela omnye umntu okwa nezilonda, nakuba zona zahlukile kwezowoku- qala Owokuqala yena ngohlobo ezazimba- mbe ngalo ndandingatsho ukuba angabuye apile. Ubekade esebenzisa Amayeza aba mhlope nawa Bantsundu; onke lomayeza akanceda luto. Nditi, ngapandle kwama- tandabuzo, iyeza lako lamnceda.

Manditshonele apo, owako otozamileyo u
STEPHEN S. MDLIVA.

Ixabiso 1/- Ngeposi 1/2.

KUBHALELWA KU

## J. GAUNT & CO.

CHEMIST,

KING WILLIAMS TOWN.

## P. S. JEFFREY,

## Umtengisi Wento Yonke,

NOTENGA KONKE OKUTENGISWAYO

## E KAMASTONE.

UNOLANGAZELELO lokunga angazisa abemi be Hewu lonke - be Kamanstone ne Oxkaaal ukuba uchopele ukutenga uboya begusha uboya bebhokwe. Izikumba ngamanani apezulu arolwayo napina.

Ofoni ngofani bempahla bahleli beko ngamaxabiso angekalazelwayo nangubani. W*apulelwa kakulu oze kutenga epete imali.*

Lomzi ubalulekile ngokutengisa, kwinto eninzi etengiswayo ITYALI EZINTLE. IBHULUKWE ZEKODI ezihlala kakuhle, zingqingqwa, akuko zinokuzigqita. IZIHLANGU EZILUSHICA. KWI SWIKILA NE KOFU, njalo njalo, utengisa ezona. ICUBA LEBHULU ELILUNGILEYO. IKELEKO ye 6d iyadi ayichukunyiswa nto.

Abanento yokutenga i eyokutengisa baya- kuba basebenzisa ubulumko ukuke beze apa ngapambi kokuba baye kwezinye indawo nemali yabo kwanoboya babo.

## *P. S. JEFFREY,*

E-KAMASTONE.

ASAPH MAKUBALO

*UMTETELELI-EMTETWENI,*

(OBESE NGQUSHWA)

Uya kuwuquba umsebenzi Ema- tyaleni,

KWA QOBOQOBO

## KUSAND' UKUSHICILELWA,

U "MALATISI" (A Guide)

KWI MVIWO

## Ze Elementary no Standard V.

*Yi Titshala enamava oku- fundisa e Koloni na Pe- sheya.*

Inye 16; Ngeposi 18; Idazini 15'.

*Inokufunyanwa ngokutumela kwi Lovedale Book Room.* 3t96

## ABAZELWEYO.

DLAKIYA—Inkosikazi yakwa Rev. J Stegmann Dlakiya wase East London ibeleke UNYANA. 2t62

## *KATA.*

## Isali!

## Isali!

## EZINGONOXESHA,

IKULU

LIPELA

IXESHA

## 28/ KUPELA!

W. O CARTER & CO.,

## EQONCE.

ISAZISO SIKA

## TIKOLOSHE

NGXATSHOKE MZI ONTSUNDU!

UTIKOLOSHE uya wubulela Umzi Ontsundu ngokumxuma kwawo. Uyawazisa kokuba akasenanto nalamzi ka NGOMTI use Bhulorweni Umf'omkulu yena selemise Ivenkile yake e Koneni, malunga ne Tyalike yama Wesile pambi kwe Ntango ze Fandesi, apo ke afukame kona NEZISULU ZAKE, njalo-njalo. Impahla ekona inxenye yayo yiyo le :

AMAKHUBA, ngamanani alula,
ONOXESHA BESALI, babodwa,
AMAXAMBA ESWEKILE ne KOFU, ngenani elilula.
UMGUBO, nento yonke.
INTO YONKE ETYIWAYO uhleli enayo. zizisulu.
IBHULUKWE, IBHATYI, njalo-njalo, Zonoxesha. ziyalala.
IHEMPE, IMINQWAZI.
ISALI, IMIKALA.

## Yizani kuzibone- la ngokwenu.

ISEYILE, IDYOKWE, IMIQOKOZO, I WATER- FATYI, ITYEYA ne PLA- NGA.

AKUKONTO INGEKOYO.

## A. J. Cross & Co.

E QONCE.

## Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange- lise lamayeza abalulekiLeyo.

Elika
COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxaza.
1/6 ibotile.

Elika
COOK Iyeza Lukokohlela (Lingamafuta).
1/6 ibotile.

Aka
COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe.
9d. ibotile

Elika
COOK Iyeza Lepalo.
1/6 ibotile.

Ezika
COOK Ipils.
1/ ngebokisana.

Eka
COOK Incindi Yezinyo.
6d. ngeboti e.

Oka
COOK Umciza Westepu Sabantwana.
6d. ngebotile

Oka
COOK Umgutyana Wamehlo.
6d. ngesiqunyana

COOK Umciza we Cesine. 8/6.

Niqondise ukuba igama ngu

## G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

*Ngawenkohliso angenalo igama lake.*

QUEEN LORDS COMMONS

## *IZAZISO KWA BANTSUNDU.*

ZAKOMKULU LASE KAPA.

*ZISHICILELWA NGE GUNYA.*

## INTSHUMAYELO.

NGU MHLEKAZI U SIR HENRY BROUGHAM LOCH.

Owe Ntshinga ye Knight Grand Cross, yo- didi olubaluleke kunene lo St Mechael no St. George, Owamatshawe adume kunene e Bath, u Ruluneli no Mpati Oyintloko we Koloni yo Mntan' Omhle yase Cape of Good Hope, e South Africa, namazwana nezibhaxa zayo, ne Sandla so Mntan' Omhle, njalo njalo.

NGOKWESIQENDU se 5 somteto No. 16 we 1891, ekutiwa " Ngumteto Waba- kweta ongokutshila nemiyeyezelo ye Nto- njane, 1891.," kutiwa lomteto uxeliweyo uyakuqutywa kwiziqingata ze Koloni ngo- mhla eyakuti i Ruluneli ngentshumayelo kwi *Gazette,* iyixele ize iyimise. Ngokoke, apa ndiyashumayeza, ndixela ndisazisa ukuba lomteto sewuxeliwe uyakubanjiswa kwindawo ezininzi zale Koloni ezi zidweli- swe kulemigoa ilandelayo, kususela, nase mva kwemihla exeliweyo apa.

TIXO SINDISA INKOSAZANA!

Ubekwe isandla sam netywina le Koloni yase Cape of Good Hope, ngomhla we 25 January. 1892.

HENRY B LOCH,
Iruluneli.

Ngomyalelo ka Mhlekazi Iruluneli e Bhungeni,

P. H. FAURE.

No. 19, 1892.

| Igama ne Ndawo. | Imini yokuhanjiswa. |
|---|---|
| Albany.,................. | 15 February, 1892 |
| Barkly East | |
| Barkly West | |
| Bathurst ................ | |
| Bedford ................ | |
| Cathcart ................ | |
| Cradock ................... | |
| Dordrecht ............. | |
| East London ... | |
| Fort Beaufort ... | |
| Graaff Reinet ... | |
| Kingwilliamstown | |
| Komgha ................ | |
| Middelburg........... | |
| Peddie.............. ... | |
| Queenstown | |
| Somerset East ... | |
| Steynsburg ........... | |
| Stockenstrom ... | |
| Stutterheim........... | |
| Victoria East | |
| Glen Grey ............ | 1 July,1892 |

NGEMIHLABA ESE CALA

## ISAZISO.—No. 972, 1891.

*Kwi Office Yompatiswa Mihlaba ya Komkula, ye Cape of Good Hopd, 27 November,* 1891.

EKUBENI u Rulumeni egqibe ukumisa ixesha malunga nemihlaba ebe icande Iwe abantsundu kwelaba Tembu, isezantsi komda ekutiwa ngowabamhlope lokuba ba yihlaule imali yolocando-mihlaba ejonge ekukupeni iziqiniselo zayo—kuyaziswa ke kubo bonke abalunge nalomihlaba ukuba abatanga barole £1 3 0 emnye pambi ko suku Iuka JUNE 30, 1392, bayakuyihlutwa Imihlaba inikwe aboyifuna.

H. H. McNAUGHTON,
Umncedisi Mantyi.

## *Ololiwe baka Rulumeni.*

WELASE KAPA.

## Iholide ze Queen's Birthday ne Whitsuntide zo 1892.

I RETURN TICKETS ngexabiso Lohambo Olunye, ngokuya endaweni ubuye, ziya kunikwa ukusuka nokuya kuzo zonke Izitishi zololiwe welase Ntshonalanga, weli Ngapakati, nowelase Mpumalanga, ngemigami eku 110 miles nangapantsi, nge 23, 21, ne 25 ku MAY, anokubuya ngazo umntu nge 31 MAY ; nange 4. 5, ne 6 ka JUNE, anokubuya ngazo umntu nge 20 ka JUNE, 1892.

Ngemigama engapezu kwe 110 miles nge 21, 22, 23 ne 24 ka MAY anokubuya ngazo umntu nge 31 ka MAY ; nange 3, 4, 5 ne 6 ka JUNE, anokubuya ngazo umntu ngu 20 ka JUNE. 1892.

Ezitikiti umntu akana ku kwela ngazo kwi Treni Zencwadi (Mail Trains).

A. W. HOWELL, Chief Traffic Manager.

## Isaziso sika Rulumeni.—No. 336,1892.

*Kwi Ofisi yo Mpaliswa-Koloni, E Kapa, 30th March,* 1892.

UKUQAPUNA.

I TITSHALA ezinezikolo zika Rulumeni, nezixhaswa ngemali ezipuma ebantwini, kwanabantu, mhlaumbi abazali abantsapo iya kwizikolo zolohlobo, bacelwa ngakunye ukuba baqondisise esisahluko so Mteto onge Mpilo yo Luntu, 1883 : —

IXI —Wonke umntwana ongeniswa nakusipina isikolo esiya kuxhaswa, mhlaumbi sincediswe ngemali ezipuma ebantwini nezipuma uhlobo; maze aqatshunwe ngu Gqira we Siqingata, mhlaumbi ngu Mqapuni omiselwe lomsebenzi, ngapandle kokuba abe lomntwana seleqatshunjwe.

Omantyi sebetunyelwe ukuba maze bazise o Gqira be Ziqingata ukuba batate ilungelo lokuti xa bejikelezela ukuqapuna, mhlaumbi xa bahambele umsebenzi wabo, batyelelele indawo ezipakati ezinezikolo ngetuba lokuqapuna ngokukululekileyo.

HENRY DE SMIT,
Umpatiswa-Koloni Ongapantsi.

## INTSHUMAYELO

NGU MHLEKAZI U SIR HENRY BROUGHAM LOCH.

Owe Ntshinga ye Knight Grand Cross yo- didi olubaluleke kunene lo St. Michael no St. George, Owamatshawe adume kunene o Bath, i Ruluneli no Mpati oyi Ntloko wo Koloni yo Mntan' Omhle yase Cape of Good Hope e South Africa, na- mazwana nezibhaxa zayo, ne Sandla so Mntan' Omhle, njalo.njalo.

NGEGUNYA nangamandla endiwanikiweyo ndiya shumayela apa ndisazisa ukuba Umteto No 38 we 1891, ekutiwa ngu " Mteto Ohlaziya ongokuzingela we 1891," ukususela ku 1st February, 1892, uya kuhanjiswa kwiziqingata ezininzi ze Mimandla Yapesheya kwe Nciba.

TIXO SIKELELA INKOSAZANA!

Ubekwe isandla sam netywina le Koloni yase Cape of Good Hope, ngomhla we 8th February, 1892.

HENRY B. LOCH.
Iruluneli.

Ngomyalelo wo Mhlekazi i Ruluneli e Bhungeni.

P. H, FAURE.

## INTSHUMAYELO

NGU MHLEKAZI U SIR HENRY BROUGHAM LOCH,

Owe Ntshinga ye Knight Grand Cross, yo. didi o'.ubaluleke kunene lo St Michael no St George, Owamatshawe adume kunene e Bath, i Ruluneli no Mpati Oyintloko we Koloni yo Mntan' Omhle yase Cape of Good Hope, e South Africa, namazwana nezibhaxa zayo, ne Sandia so Mntan' Omhle, njalo- njalo.

NJENGOKUBA kufuneka ukuba Isiqe- ndu Seshumi Elinanye sesishumaye- lo No 154 sika 8th October, 1885, esimisa imiteto engentengiso yo Tywala kwi Zitili Zabantsundu, siguqulwe, kwamiswa enye indawo: Kengoko, ngegunya nangamandla endiwanikiweyo, ndiya sihlaziya esi Siqe- ndu Seshumi Elinanye sesi Sishumayelo sikankanywe ngentla, ndaye kanjaqo ndisazisa ukuba lomteto nlandelayo uyakuba sendaweni yeso Siqendu Seshumi Elinanye, ongu wo lo :

" 11. Isiselo esibizwa ngegama lokuba Butywala ba Maxhosa siya kubalelwa kwi ziselo ezinxilisayo ngamaxesha onke."

TIXO SIKELELA INKOSAZANA!

Ubekwe isandla sam netywina le Koloni yase Cape of Good Hope, ngomhla we 8th February, 1892.

HENRY B. LOCH,
Iruluneli.

Ngomyalelo wo Mhlekazi i Ruluneli e Bbungeni.

P. H. FAURE.

NGEGUNYA nangamandla endiwanikiweyo ndiyahlokomisa ndisazisa ukuba ukususela kumhla we 1st February, 1892, iziqendu zo Mteto No 33 we 1891, ekutiwa ngu "Mteto Wokuncipisa Ubusela be Mpahla ne Zikumba, we 1891," uya kuhanjiswa kwi ziqingata ezininzi zo Mandla welase Mbo.

TIXO SIKELELA INKOSAZANA!

Ubekwe isandla sam netywina le Koloni yase Cape of Good Hope, ngomhla we 8th February, 1892.

ISIHLOMELO.

1 Kumandla wa pesheya kwe Nciba.
2 Kumandla welase Mbo.

HENRY B. LOCH,
Iruluneli.

Ngomyalelo wo Mhlekazi i Ruluneli e Bhungeni.

P. H. FAURE.

## Ngentengiso-Mhlaba e Herschel.

## ISAZISO.—No. 147, 1891.

*Kwi Office yono Canda, Capetown, 19 October,* 1891.

EKUBENI u Mr. C. W. P. Cloete enze isicelo ngokommiselo wesiqendu 14 so Mteto No 15 ka 1887 ngomhlatyana wakomkulu onxulumene nowake okumandla wase Herschel : nakanjalo lomhlaba unokutengi swa ngokwesimiselo zalomteto ungentla : ngokoke ngokulungelelene nese 15 isiqendu salomteto, kuyaziswa ukuba londawo u Rulumente uyakuyikangela ngolwesi-Tatu, 20 JUNE, 1892 ; bonke ke abantu abanento yokwenza nalomhlaba bangabhalela kule office pambi komhla lowo, ezoti ozo ncwadi zikangelwe ukulunga nokungalungi nesicelo eso.

L MARQUARD,
Unocanda Omkulu.
Ukucandwa Kwalomhlaba.

Ububanzi yi 200 mogolo, ngezantsi yifama eyi "Balloch," ngasantla ngowakomkulu ; ukumandla wase Herschel.

## Isaziso sika Rulumeni, No 99 of 1892.

*Kwi Ofisi ye Nkulu-Mbuso, Capetoivn, Cape of Good Hope, 3rd February.* 1892.

UMHLEKAZI Iruluneli, ecebisene ne Bhunga elingu Rulumeni, unga angazisa ukuba ukususela kumhla we 8 ka February, 1892, ixesha lokuvula nokuvala, nelokuya ngomcimbi, kuzo zonke i Ofisi Zakomkulu kuyo yonke i Koloni liyakuba lelo limiselweyo ngokutsha, elikwi Meridian ye 22 1/2 deg. of East Longitude. Kumiselwe ukuba elona xesha kuya kusetyenzisvva Iona litunyelwe kuzo zonke i Ofisi Zocingo ezikule Koloni ngobusuku be 7 ku February, 1892, nokuba ngemini elandelayo Intsimbi Zamaxesha kuzo zonke i Ofisi Zakomkulu ziya kwalata ixesha elimiselweyo. Kuko nezilungiselelo ezenziweyo zokugcina ixesha elilungileyo kwi Ofisi Zocingo ngemiqondiso eya kumana isenziwa ivela kwi Royal Observatory.

C. J. RHODES.

# AMAYEZA

ADUME KUNENE,

KA,

JESSE SHAW (U-Nogqala),

E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumniniwo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzelwa zona ; ngenxa yoku kauleza uku nceda oku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu- pantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucoceka ekwe- niweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa letyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifuno engqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure).

Umciza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe nyoka, nezinye inunu.

ELONA (Specific).

Elona yeza lesifo so Xaxazo Iwe gazi nezinye izisu inkatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum).

Umciza ongenzi xesha ukulipilisa Izinyo.

UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture).

Elingoyiswayo zingqangqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion.)

Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient).

Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, ukungatandi kudla, Icesine nento ezinjalo.

UHLIKIHLA (Embrocation).

Amafuta omti okupilisa ukuqaqamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxuzaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother).

Amafuta omti okupilisa ukutsha. ukutyabuka, ezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA (Confection of Rhubarb).

Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana, nesabantwana.

UMATINTELA (Antispumodio).

Umciza, wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu nezinye inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA (Indian Tonic).

Iyeza elilunge kunene kwizifo zokuba batataka, nokungatandi nto ityiwayo.

UBUGQI Magic Healer).

Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonda njalo njalo.

IGUDISA (Emolientine).

Into elunge kunene etanjiswayo ebenza bubebu- hle bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder).

Lisetyenzisiwa neli kutiwa " Lelona " xa isifo sokunamba igazi sendele.

Izalatiso zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe nokuzalisekileyo zatiwa nca kwi bhotilana nezi- tofilana ngazinye, eziti zakulandelwa ngokufeze- kileyo akaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esi- rweqe sokulumkela okungekehli.

Akandwa onziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisebenza ngemiciza, e Bhofolo, atengiswa nguve nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwi- nkoliso yedolopu zale Koloni yonke, o Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya,

AMAGOSA ALAMAYEZA—

*E* Qonce—Dyer & Dyer, Malcomess & Co., D Drummond A Co.
*E Ngqamakwe—Mrs.* Savage.
*E Monti*—B. G. Lennon & Co.
*E Rini-E.* Wells.
*E Dikeni*—R. Stocks.
*E Komani*—Mager & Marsh.
*E Bhayi*—B. G. Lennon & Co.
*Engqusha*—W. A. Young, E q.

Ikaya lawo o Fort Beaufort kwa Nogqala.

ISEBENZA NGOBUQQI.

## I-RHEUMATICURO!

IYEZA ELIKULU LASE SOUTH AFRICA.




Alikaze linqatyelwe kupilisa Izifo Zamatambo.
Isinqe, ingqaqambo Zentloko.
Lingqinwe ngamawaka.
Umenzi walo kupela ngu

## J. JONES, Cape Town.

LINOKUTENGWA NAPINA.

ELIKA

## ORSMOND

## IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yeli lizwe.

UMPILISI WEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naso, nokuba sihle ngayipina' indlela, ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufe- leni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo eziee Mbilini, Ubutataka Intswela butongo, Ubutataka be ngqondo, Izifo zesi Fuba, nent'eninzi yezilwelwe zama Nkazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendle- la elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide sele, namava amaninzi umninilo, uliyaleza ngengqiniseko eliyeza ukuba liyayi pilisa inko- liso yezifo zabantsundu base Afrika, kwa- nale Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama liyi nqobo. Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zi- sheleni zontatu, izele Iyeza elinga tata intsu- ku ezilishumi. Ibhotile nganye ihamba ne- ncwadi ene nteto yesi Xhosa.

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

G. E. COOK,

KING WILLIAM'S TOWN,

linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.

Published by the Proprietor, J. TENGO-JABAVU, at Smith Street, Kingwilliamstown.

U-FOLOKOCO

NGOKU AKATENGELI UYADYARAZA !

*BANTSUNDU! BANTSUNDU!*

NINA BASE

CALA NABESOSITHILI,

NANZO IGUTINYUZI.

U-FOLOKOCO (Pascoe) wase QONCE

UVULE IVENKILE ENKULU

E-CALA

Leyo ibisakuba yeka Webb, kwibala le Mariki. Manibe Nilungisa Amehlo. Impahla Entsha Iyeza.

KUNI BALUNGE

E-MONTI NAKWESOSITHILI!

NIHI.ALEL UKUWELWA LITAMSANQA,

U-FOLOKOCO (PASCOE) Uyakuba pakati kwenu ekupeleni kuka OCTOBER. Uyakuvula lovenkile ingakweyezihlangu yo SMALE & Co.

OXFORD STREET.

Kwezindawo uyakuqhala ofani-ngofani bempahla engazanga yabonwa E-CALA nase ZILANDANA. Efikile u FOLOKOCO ayehla kwaoko amanani empahla "shap, too."

Pakati kwako konko oku kugilana ninga mlibali apo akona

E-QONCE,

Apo nombona ngokwake (salufu).

NGE ZANTSI KWE TYALIKE YE ZIKOTSHI,

IZIVATO ZEMITSHATO!

GIBBERD & BRYANT

KING WILLIAMSTOWN.

Izivato ze Satin emhlope 35s.
Izivato ezimhlope ze Brocade Satin 40s.
Ezi - Pink nezi - Blue zokutshi- ntsha 25s.
I Satin Emhlope 9d., 1s, 1s. 6d. iyadi

I Brocaded Satin Emhlope 1s. 6d., 2s., 2s. 6d.
Ebomvu ne Blown i Brocaded Satin.
Emhlope i Brocaded Satin 6d., 9d.
I Muslin enemigca emhlope 6d., 1s

*Qondani: INGUBO ZOKUTSHATA ne-ZOKUTSHINTSHA ziyenziwa xa ziodolweyo.*

I Chemises Ezitrinywe nge lesi 1/-
Izihlangu Zekid Ezimhlope.
Izihlangu Zekid 4/-, Ezibotshwa ngemitya 5/-

GIBBERD & BRYANT.

Igusha  Igusha

"I Nicotine Exelsoir" I Dip Yecuba

(Ilelona yeza Lokwekwe Ezigusheni),

LIGQITA ONKE!

ALIBENZAKALISI UBOYA.

I-GALLON ENYE, izanyiswe kwi 150 i- gallon zamanzi abandayo zinokuhlambu- lula 500 ne 600 EGUSHA emva kokuba kucetyiwe.

I arente E-Qonce ngu

BAKER, BAKER and CO.,

I arente E-Monti ngu

BAKER, KING & CO

UMANYANO.-.NGE.-.MFUNDO (Native Educational Association.)

INTLANGANISO yolu Manyano iyakuba se Mngqesha ka Mr. P. Tyamzashe ngomhla we 12 JULY, 1892, ngolwesi BINI evekini, yoqala ngo 10 o'clock kusasa. Onke amalungu ayabongozwa ukuba aze abeko. WILLIAM WALTER STOFILE. Secretary. 3talit30G

KUBATUNGI-ZIHLANGU.

UMR. MARK MPAHLA wase Peddie ufuna Umncedisi kweli Shishini ongatabatiyo kwicala lendywala. Kubhulelwa kuye ngokwake.
6 May, 1892.

# ISAZISO

Kwi Glen Grey, Hewu, Ndlovukazi (nezi palukana) Wodehouse, ne Cala.

TINA bamagama angezantsi siyazisa ukuba kwakukho intlanganiso e KOMANI ngokuhlwa kolwesi BINI, 7 30 pm , ngo 14 ka JUNE 1892. Intlanganiso leyo icelwa nga Batunywa bentlanganiso ye Ngqungqutela yase Qonce, ukuza kwanekela umzi Opezulu imihlaba esebenzela kuyo RICHARD T. NUKUNA, Hon. Sec., Liso Lomzi lase Romani, no JOHN W.

## IMIBIKO.

SMITH —E Cathcart ngo 19 May, 1892, kubhubhe Inkosikazi ka J. A. Smith emva kokugula kweveki ezintandatu yi brain fever. ' Unoyolo lowo ubhubhela e Nkosini." Ushiya inkedama ezintatu. Izi hlobo ezikude mazamkele lombiko.

NTSEPE—Ngomhla we 13 ku May lo kubhubhe a SARAH ANN NTSEPE, inkosikazi ebitandwa ka James Ntsepe, e Mgqa- kwebe ; ushiya inkedama ezintatu. Izihlobo mazamkele lombiko. 2t62

QINGA —Intombazana encinane eminyaka mine nenyanga ozitoba ubudala bayo, isishiye ngolwesi-Hlanu evekini, 6 May. Nezikude izihlobo mazaneliswe ngulo mbiko usepepeni. Igule iveki zambini kupela yanduluka elizweni ngulomkuhlane.

## Iveki.

INKOSI U Rili upilile; sivuya naye.

I PALAMENTE iyakuvulwa ngolwesi-Hlanu Iwaleveki.

ISIHANGE esidumileyo, u Defining, uxonywe nge 23 ka May e Australia.

I *South African,* ipepa ebelisakushicilelwa e Kapa, life ngokungaxaswa.

IPEPA lase Mtata libalisa indaba ezi- mbi ngemfazo, kwelasema Mpondweni.

INDLALA ilitele nta amehlo elakwa Zulu. Utiya akaxeli nto kanye betu.

Xelelanani ngosuku lwe 7 JUNE, nangofanele ukuvotwa Ninyule u VATERMEYA.

IKABA lelokishi yase Rini beligqebana ngazo nge Sabata engapaya. Sekuko elibanjiweyo.

INKEWANA eminyaka i 20 igcagce nomfazi. oselenonyana, ominyaka i 30 watshatayo e Bloemfontein.

INETEVU' zase Transkei kulonyaka ugqitileyo zirole £975 ngokuxasa Isinala yase Blythswood; u Rulumeni £610.

Mzi oya kuvota yenzani " umfelandawonye " ku VATER- MEYA.

UNYANA ka Rev. W. Holford, ongu Arthur, obese Bofolo, ububile. Sivelana nomfundisi nenkosikazi yake.

U REV. E. MAGABA ufike izolo eQonce nentsapo yake. Simnqwenelela umse- benzi omhle pakati komhlambi.

U. MR. B. H. HOLLAND ubuye ngeveki egqitileyo kumsebenzi we Komishoni yase Glen Grey.

INKAKAZANA engu Maggie Donagher, e Amerika, ife selidle isixenxe sezinja ngokuti yopila kwisifo sepepa. Akubanga njalo ke kona ibuye yacut'inyawo.

Ningalulibali usuku-7 June. Ningalilibali igama lika VATER- MEYA. Ati umntu aye kuvota kwakusasa.

"KUDE ebakuba." African Choir ivumelene nesinonopu sase America u Mr. Harris ukuba iyokuvuma kwelo.

U BISHOP POTTER, wase New York, ulilela ubuhle bamankazana, kuba adabalala enkohlakalweni ngenx' enabo.

INYAKANYAKA yenkumbi ixake abantu enqanaweni, kulwandle oluyi Mediter- anean, bazikwelelise emva kwexa elide sebeqotsekile.

INDAWO yomfi u Mr. H. H. McNaughton, obesakuba ngu Mpatiswa- Mihlaba oncedisayo, inikwe u Mr. Charles A. Carrey.

Oluvoto lulunge nemimandla epetwe zimantyi zase Mpofu, Bho- folo, Nyara, Somerset, Cradock, Metele, Colesborg, Bhekesdorp.

IFAMA lilahlekelwe liqela le nciniba ngase Kolsberera kwangoburovu obu bazo ngokutya intlaka; suka zemiwa, yapela into ebitetwa.

AMAXHOSA amabini agwetyehve ukuxbnywa e Rautini, ate, lihlazo into yokuba. i Netevu ezimbini zixonyelwe ukubulala igwangqa elinye.

U LORD KNUTSFORD, Umpatiswa Zikoloni ute, uyakubeka izwi ngo Nqapela-Ndikule ofunwa ngama Natal akuva omabini amacala ngalomcimbi.

UMBHALELI ose Rautini wepepa. lase Ngilane, uxela ezokutengwa kwentontombazana zase Delagoa Bay ngabemi base Rautini nge £5 ne £15 inye.

Mpofa, Bhofolo, Nyara, Somerset, Cradock, Metele, Steyns- burg, Oolesberg ne Bhekesdorp— ningalulibali usuku Iwe 7 JUNE. Kuyakuvotwa lomini. Liliselani ngo VATERMEYA.

IXETEVU yase New Zealand eyaka yaku Rulumeni welo, u Hon. Sydney Taiw- hanga yaka yenza isibhebhe senteto eyatata iyule ezi 10 ngomcimbi we Netevu zelo.

IBHUNGA lomzi wase Foresmith, e Free State, lale kwapela ukuba u Mr. Crowder angcwabe usana Iwake emhlabeni wamangcwaba alomzi, kuba unina walo ingu Mrolong.

U MR. HUTTON, M.L.C., ute uyakuvo- tela ilungelo lo Koloni ipela, akayikubo- tshwa ngabanyuli bake ukuba avote. ngentando yabo ; oku ukutete kwintla- nganiso ebise Bhofolo.

U VATERMEYA ngosondo- zwe emhlambini liqela elaye lipete u Stokwe ngevoti eyadlulayo. U- ya komeleza eloqela e Bandla. Nivote yena ke.

KWIMFAZWE yama Afrika nama Ngesi, e West Coast, Upper Guinea, kubulewe a 400 ama Afrika kwatinjwa nondiya- Iwa u Nkosi Jebu ; ngecala lama Ngesi kufe iqelana kungxwelerwe 30 nenko- sana ezintatu.

INKOSAZANA, ngale Queen's Birthday yayo igqitileyo imte jize ngewonga le K.C.M.G. u Sir David Tennant, Umldali-Ngapambili we Ndlu Engapantsi. U Mr. Stanford (u Ndabeni) nge C.MJG. Ulalile u Mr. Sauer elobu K.C.M.G.

Mzioyakuvota, abavoti ma- bayamane ngamacala ukuza bapu- melelise umlweli wobuluhgisa ngakwi zizwe ezintsundu—u VA-TERMEYA.

*Imvo Zabantsundu*

NGOLWESI-NE, JUNE 2. 1892

## *IPETELO KUMFULAWENJA*

UMHLOBO wetu omdala u" S." utumelo lamanqaku ngesisifo sihlalise kakubi abantu, esiwangc- nisa ngeteraba lokuba anganceda kumawetu :—U mxube weziselo ezibuyezara ze ntshatshela kwinto ozibuyeza (Ammoniated Tincture of Quinine) ngumalane no " mfula." O Messrs. HUNTLEY no PALMER — ababhaki bemiqatane, base Heading, e England, banikele imilinganiswa- na yalo (doses) kubasebenzi babo xa ndivayo, akuhlelanga namnye ke " emfuleni.'' Eli netenete elibu- tywalara (tincture) lenziwa ngo 40 grains ze sulphate of quinine, i drachms ezi 5, mhlaumbi i 5/8 ye ounce ye ammonia emanzi, ne ounces ezi 4 ze spirits of wine. I dosi yi tea spoon enye nezimbini mhlaimbi kwi gilasi ye wine ena- manzi, itatwe kanye nakabini mhla- umbi ngemini. Eliyeza ke ndilichazileyo kunganzima ukuba i Netevu zilifumane. Kodwa ke, kuko elinye, eliti maxa wambi libe ngapezulu kweli ngokulunga Lona lenziwa ngesine nesihlunu samagqa- bi e blue-gum abiliswe *kuhle* kuma- nzi akivvo nge kap (cup) ezeleyo. Idosi ngamagxebeka amabini nge- inini, akukataleki nokuba uwatate ngaxa nye, nokuba utate lalinye sekuxa limbi. Kufuneka amagqabi lawo ebiliswe *kancinane* ukuze ama- futana akuwo ayiyona *nqobo* anga- tshi. Nokugulela amanzi abilayo emagqabini kukwalungile nako. Kufuneka kwenziwe njengoko ka- nye kuchaziweyo; kuba ukugqitisa kunetyefu.

Umfula upelekwa mhlaumbi ula- ndelwa kukufudumala kwamapapu, apo ingozi ilele kona, emfuleni apa ke. Intlungu; zesifuba, nomoya omfupi ekupefumleni, i blue gum kulapo ke incamisa kona kaloku, ngokubilisa iqelana lamagqabi ayo, ze amanzi agalelwe e jagini (jug). Ofayo ke akuhluliswa, embhatiswe ingcawa pezu komandlalo wake, kufuneka efutiwe nge blue gum leyo. Intlungu zidamba kamsinya- ne emva koko. Ofayo angatotywa nokutotywa ngayo esifubeni, eku- ngati efutiwe ngokuhlwa abe nobu-tongo.

Njengokuba umzi o Malau no Muxhosa ubudada emfuleni nje kwisithili so Mpofu, uncedwe yi blue gum qha, bambi bahlafune amagqubi baginye amate. Inenekazi elike Inqhuba ngoluhlobo lancedakala. Ndiyiyaleza ke nakwabazungulwa lipepa (consumption) kwa Bantsu- ndu. Abagxambuza emfuleni ma- balumkele ukutakasa pandle benge- kapili ngqe ; kuba yingozi yodwa.

## *IVOTI E BHOFOLO &C.*

-----------------

NGOLWESI-BINI Iwezayo (7 June) luxwebhu Iwevoti ku- mandla otabatela e Bhofolo uye e Colesberg, utabate kwakona e Bhekesdorp ubhekise e Somerset, uba- ndakanya i Cradock. Kekaloku kolubala abaswelekile abantu bako- wetu abanevoti—ngokukodwa e Bhofolo nase Katala --ekuyimfanelo. ke ukuba silenze ilizwi lokubalatisa apo umkondo ungakona entweni zoluhlobo. Maze angalahlekiswa amawetu. Impi eyaye iquba u Sir II. STOCKENSTROOM (U Stokwe), ebuhlobo ngakuti bantsundu ibeke u Mr. P. WATERMEYER pambi komzi, esingavuya ute wonke umzi ontsundu kwelibala wazinika yena ivoti zawo. Enye indoda ekanka- nywayo kulo mnyhadala ngu Mr. WIENAND wangaso Nyara. Yena ke ungumnyulwa Wembumba yama Bhulu omakenze okubonwa yiyo. Indoda ebotshwe ngamakamandela olumanyano ayinakukangelwa ngamawetu; Siyatemba ukuba abantsu- ndu boti bawe bevuka no Mr. WATERMEYER.

## *INGQUSHWA IPUMILE*

KUHAMBO olufun' ukuti lube luninzi eke sanalo kwezinya- nga-mbini zipelayo pakati komzi ontsundu, siqonde ukuba, kute cwaka nje, umzi wakowetu ulalisile emkondweni wokwenza ezona nto zokumisa ubuntu bontsundu. Oku kubaluleke ngokukodwa e Ngqushwa ebekusakutiwa "imnyama." Si- yavuya ukuba izihlambulula kweli gama i Ngqushwa ngemisebenzi emihle. Into ezibonisa ukuhluma ebantwini ngezimini kukuti abantu bazikataze ngeminquba abahlala kuyo, kwanangokufuna imihlaba eyakuba yeyeziqu. Ngezindlela zombini sifike ungahleli pantsi umzi wase Ngqushwa. Ibiseyingunyaka osagqibelayo kona, kodwa senjenjeya ngalevoti, sifike zite gqabagqaba indlu eziyelele kwezabamhlope— zibugqitywa ezinye; zimbi zisaki- wa. Nongekaki uxokozelelwa si- fuba, akonwabile. Apo lentshuku- mo ifike yasigqiba kona, sabona ukuba ukukanya okungeneyo e Ngqushwa kuyakubeta kuwupandle umzi, kuku.ba umntu akacingi nga- nto yimbi ukufulela indlu yake— kupela makafulele ngezingi. Sifu- mene owento ka NGCANGA U JEMANI umzi usewungati ngowe Bhulu— ungxande mbini—olunye lolwezi- tena ezojiweyo —zifulelwe ngezingi. Ule umntu ngeke waqubela Em- gwalana wabona ezento zo VUKUZA O RICHARD nezabanye. Eyaka na- kwesika Mnyandu u Mr. WILLIAM MNYANDA no Mr. JOHN S. GUDULA batsho ngezifika zenze isanga zona izingi— kuyabukeka ukude ; kuhle. Sivuya nomzi, ngokukodwa owase Ngqushwi', ngokuzikupa ozikupe ngako kwigama elinzima lokuba bekusitiwa ukugxekwa kwayo yo- minye imizi iyi Ngqushwa Emnyama. Inga ingajokisa kwe- Lipqina de kube pipipi. Into emayenziwe ke ukubonisa ukuba kuyahanjwa kanye makutyalwe imiti pambi kwezindlu ngawo lonyaka. Imizi yetu ibonakala buhlazora ngokungabi namiti—ngalento isuke ibonakale imi kwanti apo kungeko nento elityolo eyenza ntle indawo ekutiwa likaya. Omahtyi banoku- celwa bayisondeze imiti ye *gam* ne minye emzini, ize ngeminyaka enge- pi iyihlaziye imizi yetu. Kusali- ndwe ntonina ?

Mpofu, Gqugesi, Nxukwebe, Nyara, Bhofolo, njalo-njalo, ninga- mlibali ummeli wenkululeko ku- bukoboka be Bhonti. Nyulan u VATERMEYA.

## Amacapaza.

NGOMHLA we 18 ku May e Blythswood ibizihlwele kuvulwa izindlu ezintsha ngu Meja. Kwinto eninzi kunene yezibonda, inkosi, nama Yerepe, kwababalulekile- yo ibe ngo Captain Veldtman, Mr. John Mazamisa, no Mr. Njikelana. Kwenziwe urozo iligubu lakwa Veldtman pambili; kufikiwe u Meja uzeke isi- tshixo wayivula, ekute yonke impi leyo yangena. Ngamafupi ute:—Lomzi siwuvulela ukuba kufundiswe umtinjana Izibalo Ezingcwele, wase Transkei, naku- wo onke amasebe emfundo, nawokupata izindlu kakuhle. Umzi lowo unokuhla- la intombi ezi 50. Emva koko kusi- ngwe kumahlulo wamakwenkwe awu- vule ngokuti u Meja:—Lomahlulo siwu- vulela ukuba kufundiswe amakwenkwe elipesheya kwe Neiba, kwanokunqulwa ko Tixo Onamandla onke. Ngamana ita- msanqa lake lingaba pezu komzi lowo na- pezu komsebenzi. Kubeko inkonzo chanjiswe..' ngu mninimzi, u Rev. J. McLaren, M.A., wabuya u Meja wakwe- la isihlalo waposa awokubonisa uhlobo oluncomekayo owakiwa ngalo ngama Mfengu lomzi uyi Sinala yase Blyths- wood, waye esiti ke mawazondelele ukuquba ngolohlobo, anonelele nemfu- ndo yentsapo yawo. U Mr. Liefeldt no Capt. O'Connor bapose amazwi, ekute emva koko. kwanikelwa iminikelo. Ingxelo ime ngoluhlobo Izakiwo ezo zidle £1, 355, kwaye kuya kucitwa £70 ngapezulu, ngokuqatywa; izihlobo zase Scotland zincedise nge £500; Amamfe- ngu atembisa £500, kwelo nani selerole £230; i £40 irolwe zizihlobo kwakweli lase Afrika tanci ukuba umzi lowo uvulwe_._ Ngemini yomvulo kuqokele- Iwe £27o ; imali eseleyo efunekayo yi £380, i £270 kulomali yedingwe ngama Mfengu. Kubenjalo ke ukuqutywa

ISINALA YASE BLYTHSWOOD.

Ningabi sazinikela ekupula- puleni into eninzi. Ngu VATERMEYA eyona ndoda yalatwe nga- bahlobo bohlanga.

FREE STATE: NETEVU.

KUYAVUYISA ukuqonda I NE ukuba abalauli be Free State bazimisele ukuba ngangoko banako ba- mpate kakuhle ontsundu, saye sitemba ukuba elinqina lihle nelincomekayo lamadoda okuqonda e Palamente yelo, elibonakele xa bekuxoxwa ngomcimbi wentsebenzo yabantsundu, loba ngum- zekelo kwi Palamente zamanye amazwe, kweli lase Mazantsi e Afrika. I *Friend,* ipepa lase Bloemfontein lifike lenze amanqaku ngawo lomcimbi lati: —" Inkoliso yamafama etu itete ngove- lwano na Bantsundu, saye sikolwa ukuba impi apa etiye abantsundu nebapata ngqongqo e Koloni nakwamanye ama- zwe kweli lase South Afrika iya kuma- ngaliswa incame kukuva inteto ezihlwabisayo zo Messrs. A. J. Bester, no C. H. Wessels, namanye amalungu. Sivumelana kakuhle nenkoliso yama- lungu atetileyo, okokuba i Netevu zeli zipetwe kakuhle nokuba zonwabile ngapezu kwendidi ezingabasebenzi zela- se Yerepe. Ingako into yokuba nge- ngozi afumane impato erabaxa ontsu- ndu, kodwa imiteto yetu izikusela kanobom i Netevu, nakuba ke ingafeze- kanga ncam inxalenye yayo. Kuko nokuti ngaxa limbi zipatwe kakubi izicaka ezintsundu. Impato-mbi ye Netevu kweli lase Free State ayina mbuyiselo, kuba abaswela izicaka nga- bazipata kakubi i Netevu. Xa impi emafama seyinengqondo efana neyala malungu atetileyo e Palamente, siya kupela isililo sempato embi ye Netevu. Ukulilisela ngenkohlakalo ye Netevu zipela, asikolwa kuko, nokokuba kufuneka imiteto yetu ibuye ilungiswe ukuze kufininike into kuyo, kuba isi- gqibo setu sesi, emva kweminyaka engapezu kwamashumi amatatu silimile elilizvve, sokuba obasi abalungileyo ba- nezicaka ezilungileyo, ekubeni inxale- nye kumafama kunzima nokufumana ezilungileyo nokuba zezikohlakeleyo. Isicaka esilungileyo siyagcinwa yi nkosi yaso, saye singakucingi nokupuma oku. Inkita ye Netevu ezalelwe yaku- lela ezifameni iyetembekileyo aye ama- fama eyipata ngenyameko enkulu."

U VATERMEYA uya kulu- nga neqola elinobuhlobo kwindlu ye Ngwevu. 'Msani ukukuhilizela ukuya kuyingenisa kuye lovoti inye ngo 7 JUNE.

## *UTYELELO PESHEYA KOLWANDLE.*

[J. KNOX BOKWE.]

NO. 1.

INTSUSA-MABANDLA.

Vuma indaba Mhleli: Ndiyalezwe uku- ze ndipakele wona, kuba kaloku usitebe somzi upela; ukuze bati abazilambeley? batye, kungabinjalo kubambi abangateni nazo. Au! nakuba ndisltsho andikabi nanto ndingayixolayo, kuba andikabi naziganeko zihliloyo kwisigama endisa-sihambileyo. Noku kwenjenje ndicita isitukutezi sika loliwe endibhala ndihleli kuyo.

UKUSUKA EKAYA.

Sesuka e Lovedale kusasa ngolwesi-Ne, 21 April, singamadoda amatatu, eyesine ingumbhexeshi we kari ka Mrs. Morris, owaziwa ngumzi ontsundu wase Dikeni ngegama lokuba ngu *Manqhasana,* alisa- belayo ko nayo. Ngumhlobo wam mdala lowo Mhleli, kuba ndiseyintwana encinane ndati ndikweliswe kwinkabi yeha- she lomlungu ngumza wam, laza latiwa tshipu ngesabokwe ngomnye lagqotsa. Ito kanti inkowana endim ayikakwazi ukugoqa, suka kwati xa kanyo lipambi kwendlu yelonenekazi lajika kufupi ndajukujeloka ngapaya, gadla, po! La- mya obendikwelisile ukuba azi woya ngapina ekaya. Nditwelwe ndangeniswa kulo nkosikazi, yaququzela ukundenzela amaqinga okubuyisa izibilini ebesozimko nomxholo. Kwati sekunini roxoxo, ba- lulu amehlo, ndapungiswa ntwana; yapila inkewu! Wandincoda lomini, nje- ngokuba ikwanguye lo undinceda namhla lindiyile, kuba iposi yayo izele tu, yayiya kundishiya ndite *ngha* umlomo ndinga- wufumani lomkombe uyi *Garth Castle* ndisukela ukuwela ngawo. Lo Mrs. Morris ngunina womfundisi welo gama u Rev. James S. Morris, owaka i Simnala yase Buntingville ema Mpondweni, kungoku use Kimberley; no Mantyi yakwa Bomvana u Mr. Walter Morris, Elliotdale, ku Sarili ekaya. Bobabini bafunda e Lovedale.

INDLELA.

Siqhubile ko Mhleli, sidyarelene neposi, saza kugaleleka kunye kwa Crowe, Elu- kalweni. Singe singakulula tina ; sati lomzuzu izilo zelu zitabata imitamo, sabe sibuka umhlambi wentaka ezintle kunene zika Mr. Bob Crowe, nesitiya sentyantya-mbo sodade wabo.

EZOVOTO.

Kute kanti kuko omnye endaziyo, ndabona enyuka ehamba efunda ipepa endite ndakuposa amehlo ndalifanisa, no *Watchman.* Akufika ndiwisilo ukubu- lisa, waseleliposa kum ipepa elo, elite kanti lixoxa kunene ngo Mr. Hay. Ndite gqwaka gqwaka, wandikaulela ngeliti, "Uwela nini? " Mna: Ndiyindlela ngo- kunje nkosazana ; (pofu ndimangalisiwe ukuba ute pina Ukuba ndiyawela, kuba ndiba IMVO eyaxela ezondaba asipepa lipatwayo Elukalweni). Sibuzene ngabatshana abafunda e Lovedale kanti inkosazana iyatshiseka zezo *Volo.* "Hi! ncinga ukuba lohamba njanina unyulo e Dikeni?" Siqonda njanina, nkosaza- na, indlebe zisabetabetana. " Wakuci- nga kodwa u Mr. William Hay wopume- lela?" Mna: Kwanga kunganjalo nko- sazana (kuba beta andikumbulele nto ukuba siza kuhamba indicia ngendlela nenkosazana lo. Ivakele ikhuza isiti, "Mawo! hlelinje unjalo ? Nicinga kane- ne nina ukuba ngumhlobo wenu u Hay ? " Kambe, nkosazana, asikanakatii nto yimbi ichasene nobuhlobo bako kuti, esati nje sakona angasifihleli isiposo setu, sili sakoniwa nokuba ngubanina asitotelele, Kuko into elungileyo engapuma kulo nzala kodwa? Wakuti umntu angalahla umsebenzi awayezibekele wona usele ulahla." Mna: Kekaloku, nkosazana, akawulahlanga kuba nanamhla usashu- mayela kuba lo awupeteyo awuchasene nabafundisi. Kunjalo njo uyangqina nawe ukuba kungapili into oyampazami- sayo. " Ndiyayazi lento, kodwa ko nge- loto akupila wabuycla kuwo. Ukuba i ekuya ngam bekuya kunyulwa u Wood, kuba yena u Ballantyne udume ngoku- ngafaneleki." Okwelixesha sesihleli ngase ndlwini, eseleko nomnikazi mzi endanigqibela kudala, ote nayo wangena shushu engxoxweni. Sahlukana soku- mnandi kulondawo ngobushushu bobu- bele babo, nangani sichasene ngezimvo.

E QONCE.

Sibopile site dzu sazakugaleleka "Eka- yeni Labantsundu," e Qonce, xa kanye into zobani nobani sezixonxe amaxhaka, namagopo, etafileni yento ka Soga. Site nati kuba besilitanda elocala savakala sisiti—kwaqala ukulunga: yaye ixesha ingu *half past one.* Ndite ndakubheka- bheka, ndafika ndalibuka namhla Ikaya; ndapaula ukuba liyahlaziywa, liyacokiswa ngapandle nangapakati, liyatshayelwa, liyakulutwa. Ndati omxholweni, ewe, nto ka Zazo, inzukulwana ka Soga, juca ubheke pambili, kode kube kuko nakuti. Andiyiliball indawo yokuba kunjenjenje ukuba kuhle ngapakati ayiyekololo into- kazi ka Xiniwe ngelayo icala. Ezixa- sweni esizilungiselelweyo, ndibhaqene nomhlobo wam u Mr. Paul Xiniwe, ondibalisele indaba yambi yamava eha- mbo yabo neqola abawela nalo. Izinto azitetwa zonke Mhleli. Wanyanisa no- wakwa Xhosa ukuti, " ukuzenza akunje ngakwenzi wa." Asazi kambo, sova pambili.

NGOLOLIWE.

Emva kwezixaso siyekukwela kuloliwo ngo *half past* 4, endisekuye nangoku ukuya e Kapa, apo ndiyakungena ngo 7 ngokuhlwa ko Mgqibelo. Yonke ondi- sayihambileyo indlela isentle. Okolandela ndobuye ndikuvise.

ELIPEPA LIPUMA NGOLWESI-NE *IVEKI ZONKE.*

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.
Limele imfanelo ya Bantsundu ngapandle koloyiko.
Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

# Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION)

*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.*

Lirolelwa 3/6 nge Kwata (itunyelwe ingekapeli) 4s ipele i Kwata ingaro- Iwanga.
Unokuhlaulelwa wonke Unyaka ekuveleni kwawo nge 13s 6d.

-----o-----

Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, Nemibi- ko, irolelwa 2s 6d, zi- ngene kanye; 3s 9d ka- bini; 5s katatu.

IXABISO 3d.] KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, JUNE 2 1892 [Vol. VIII, No. 397


## INGUBO ZOBUSIKA!

INTLOBO ZONKE,

Olona hlobo lulungileyo!
Akuko butshipu bungako!!
Kwanento eninzi yofani ngofani!!!

— KWA—

# DYER NO DYER,

Iblankete ezintsha zamaxabiso onke.
Idyasi Ezintsha ziqala kwi 12/6.
Ibhulukwe Zekodi, Ibhatyi Zekodi.
Iblankete Zoboya, Iblankete ezingamabhayi.
Ihempe Zamadoda ziqala kwi 1/ inya.
Ibhulukwe Zokutshala (ezisikiweyo zona) from 16/6.
Ibhatyi ne Ondulubhatyi ezimnyama (diagonal), Ihempe Ezimhlope.

QONDA.—Ngapambi kokuba ulahle imali yako napina, kauti gxada kwa DYER uyokuzibonela ngokwako.

# DYER DYER

KING WILLIAMSTOWN.

-A- 'Wonderful Medicine.

## BEECHAM'S PILLS

For Bilious and Nervous Disorders, such as wind and and Pain in the Stomach, Sick Headache, Diddiness. Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold Chills, Flushing; of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, Blotches on the Skin, Disturbed Sleep, Frightful Dreams, and all Nervous and Trembling Sensations, &c. THE FIRST DOSE WILE GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This is no fiction. Every sufferer is earnestly invited to try one Box of these Pills, and they will be acknowledged to be " WORTH A GUINEA A BOX."

BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete health. They promptly remove any obstruction or irregularity of the system. For a

Weak Stomach; Impaired Digestion; Disordered Liver;
they act like magic—a few doses will work wonders upon the Vital Organs ; Strengthening the muscular System ; restoring the long-lost Complexion ; bringing back the keen edge of appetite, and amusing with the ROSEBUD OF HEALTH the WHOLE PHYSICAL ENERGY of the human frame. For throwing fevers in hot climates they are specially renowned. Those are " facts '' admitted by thousands, in all classes of society and one of the key guarantees to the Nervous and Debilitated is that Beechams *Pills have the Largest Sale of any Patent Medicine in the world.* Full directions with each box.

Prepared only by THOMAS BEECHAM, St. Helena, Lancashire, England.

SOLD BY ALL DRUGGISTS IN THE COLONIES.

## HOLMES-ROBERTS

AMAYEZA.

## AMAKULU ASE AFRIKA!

**PILISA.**

Wokunyanga Amatumba, Ihashe Ukunchola kwe Gazi, Icesini ebangwekukunyakama nazi zihlambo ??? Izilonda, Igcushuwa, Iqina, Isibindi, nezinye iziku- hlane ezikolisa ukuhla amankaza- na.

IXABISO,2/6 nge Bhotile, nge Posi 3/2.

**MANGALISA.**

Wokunyanga Isifuba (consumption) Ukungenwa yi Ngqele, nazo zonke Izifo ezibanga ubulwelwa Esifubeni naso Mipungeni.

IXABISO, 2/6 nge Bhotile, nge Posi 3/2.

LENZELWA ABANINILO KUPELA NGO

JOHN GAUNT & CO., CHEMISTS, KING W. TOWN

ANOKUFUNYANWA KUBO BONKE ABAPITIKEZI-MEYEZA.

## Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

## BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.

LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,

SINGENISE KWELI LIZWE

## IBLANKETE ZOBOYA

*EZILUKWE NGOBUGCISA OBU BODWA, Igama lazo yi '' EXTRA NAVY or MATTROSS."*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPA- ULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esi- luqinisele na Komkulu ngohlobo Iwemifa- nekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYUZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo-ke bizani
Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke.

## PEACOCK BROS, and WEIR,

E QONCE.

Ngabobodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama.

BON MARCHE.

## JOHN W. BAYES & CO.,

*GRAHAMSTOWN*

## IMPAHLA ENTSHA YOBUSIKA

KUWO ONKE AMAGUMBI.

-----:o:——

IDYASI ZAMADODA ZIQAT.ELA KWI 10S. 6D. ; IBHULUKWE ZEKODI ZIQALA KWI 5S.; IHEMPE ZIQALA 1S. 6D. ; IFELANE 1S. IYADI; AMABHAYI 1S. IYADI; FANCY PRINTS 4 1/2D. IYADI; EZIDLULISELEYO I GERMAN PRINT 6 1/2D. IYADI; WINSEY 5D. IYADI; FLANNELETTE 3 3/4D. IYADI; IJERSEY ZABAFAZI 2S. 11D. ; I-BLANKET ZE MATTROSS; I-ULSTERS ZABAFAZI 5S. 11D.;

Ihleli ilungiselelwe yonke Impahla Yokutshata.

JOHN W. BAYES & Co

EYONA VENKILE ITSHIPU

E-RINI (GRAHAMS TOWN)

## J. W. GARRETT & CO.,

IZITORA "EZITSHIPU"

Ingubo Zamaledi, Iswekile Nekofu, nento zalowomkondo, Izihlangu, Ingubo Zamadoda, Isali nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomvu.

*Kunikwa amaxabiso angapezulu ngo BOYA, IZIKUMBU, UKUTYA, ne MPAHLA EHAMBAYO.*

# Beauchamp, Booth Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ivenkile YE MPAHLA EZIBUHLUNGU NGAMAXABISO ANGATSHIPU.

ITYALI- Zintle kodwa ziyalahlwa, ziqala kwe- ze 4/6 to £2 inye.
I PRINTI ezi "best" ezihlanjwayo 6d. yard.
Edluliseleyo itshipu i Satin Emhlope ne Cream i Muslin yokunxiba enemigca 4 1/2d. yard.
I Satin Ezimhlope nezi Cream, 10 1/2d., 1/-, 1/6 nge yard.
Ingubo Zabatshakazi ezenziwa nge zintsha ifa- shini.
Iflawa Zabatshakazi. Izigubungelo Zabatshakazi.
Ingubo Zokutshata Zamadoda, Izitofu zokwenza Ibhulukwe Zokutshata Ziyasikwa.
Ibhatyi Ezimnyama ezi "best" Zetwidi.

*Yizani kuzibonela ezimpahla ngokwenu. Ngapambi kokuba nitenge napina yiyani ko*

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN

## ZIHLOBO EZIMNYAMA.

## U GRUBB, wase GCUWA,

U SAND' ukuvela E-Qonce apo ebeketa inyambalala ye-

PULA PULANI

Isatini Emhlope, ISIHOMBO SOMTSHATO kunye ne veil namagqabi 40/ (iponti ezindyanda).
Izanga. ZETYALI. IPRINT1, (uyevana?) Izihla- ngu, Zamaledi, Ishuzi, i Under Linen, ne Minqwazi Yokutshata.
Ezamanene INGUBO ZOKUTSHATA—zinoku odolwa zitungwe.
INGUBO ZABAFUNDISI Ziyenziwa, IZIHLA- NGU. ne SHUZI Zamadoda, AMAQINA, ne HEMPE.
IBHATYI, IMITIKA, IBHULUKWE (ningabali- bali Onzonza.
QONDA.—Ningazilibali IZIHLANGU ezizitende zide zokubeta " Unomtatsi.
IBHATYI ZETENIS, kwane Hempe zayo,
IKOFU, ISWIKILA, ITI.
IMPAHLA YONKE YABAREYISHI,
Ningawalibali kanjaqo Amayeza ka GRUBB Ezifo Zonke.

IMPAHLA ENGABA AYIBALWANGA YIBUZE, WOYIFUMANA

T. E. GRUBB, Butterworth,

*Ivenki Etengela ngamanani ase Qonce. YIZANI KUYILINGA*

## PEACOCK BROS. NO WEIR,

E KOMANI

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, I-ertyis, Umbona, Amazi- mba. bahlele benawo.

## The African and American Working Men's Union.

NGESIZATU sokujikeleza kwa Batunywa selipelile ixesha, nangamatile tile okulungiselela ukuza kuvulwa kwe Shishini lo Manyano, umzi Ontsundu unikwe ituba Lenyanga Ezintatu, ukususela kwi 1st APRIL kuye kwi 30th JUNE, 1892. Nantso ke into yako wena ulilayo, ungasileli, "Imbila yaswela umsila kuyalezela."

Isahlulo ngasinye kolu Manyano yi Ponti Enye ; Imali Yamangeno Yisheleni Enye nge sahlulo sisinye.

Imali itunyelwa nge POST OFFICE ORDER eya kuhlaulwa ku Mr. MOSES D. FOLEY, Port Elizabeth. Umnini-Mali wotunyelwa isiqiniselo kwanepepa lemiteto,

QONDA.—Zonke incwadi ezitumela imali zitiwe Register.

Secretary, GEORGE A. ROSS; Trustee, MOSES D. FOLEY;
Treasurer, PETER Y. RWEXU; Manager, HENRY J. PHIPPS.